



basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

XHOHL.2

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LESIBINI (P2)

NOVEMBA 2014

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2½ iiyure

Olu viwo lunamaphepha angama-23.

MORNING SESSION



IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngocoselelo phambi kokuba uphendule imibuzo.
2. Musa ukuzama ukufunda lonke iphepha loviwo. Funda itheyibhile yesiqulatho ekwiphepha elilandelayo uze uchonge imibuzo ebuzwe ngoncwadi olufundisiweyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo wandule ukhethe oza kuyiphendula.

3. Eli phepha loviwo linamaCANDELO amaTHATHU:

ICANDELO A:	ISihobe	(30)
ICANDELO B:	INoveli	(25)
ICANDELO C:	IDrama	(25)

4. Phendula imibuzo EMIHLANU iyonke:

Imibuzo EMITHATHU kwiCANDELO A, OMNYE kwiCANDELO B NOMNYE kwiCANDELO C ngale ndlela ilandelayo:

ICANDELO A: ISIHOBE
IMIBONGO EFUNDISIWEYO – Phendula imibuzo EMIBINI.
UMBONGO ONGAFUNDISWANGA – ngumbuzo onyanzelekileyo.

ICANDELO B: INOVELI
Phendula umbuzo OMNYE.

ICANDELO C: IDRAMA
Phendula umbuzo OMNYE.

5. UKHETHO LWEMIBUZO KUMACANDELO B (INOVELI) NECANDELO C (IDRAMA).

Phendula KUPHELA imibuzo ekwinoveli nakwidrama oyifundisiweyo.
Phendula UMBUZO OMDE ube mNYE NOMFUTSHANE ube mNYE.
Xa uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO C. Xa uphendule UMBUZO OMFUTSHANE kwiCANDELO B, unyanzelekile ukuba uphendule UMBUZO OMDE kwiCANDELO C. Sebenzisa itshekhlisti ukwenza oku.

6. UBUDE BEEMPENDULO

Imibuzo emide yeSihobe kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama ali-190–240.

Imibuzo emide yeNoveli neDrama kulindeleke ukuba iphendulwe ngamagama angama-340-390.

Ubude beempendulo zemibuzo emifutshane buxhomekeke kulwabiwo lwamanqaku. Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule ngokuvakalayo nangokusemxholweni.



7. Imiyalelo ebhalwe ekuqaleni kwecandelo NGALINYE kulindeleke ukuba ilandelwe ngocoselelo.
8. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ulandela kwimibuzo kwiphepha loviwo.
9. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
10. Yaba ixesha ngolu hlobo lulandelayo:

ICANDELO A: malunga nama-40 emizuzu
ICANDELO B: malunga nama-55 emizuzu
ICANDELO C: malunga nama-55 emizuzu
11. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



ITHEYIBHILE YESIQLATHO SEPHEPHA LOVIWO:

Le theyibhile yesiqulatho kulindeleke ukuba incedise abafundi bakwazi ukukhetha imibuzo abaza kuyiphendula khon'ukuze bangafundi iphepha loviwo lonke.

ICANDELO A: ISIHOBE			
Imibongo efundisiweyo: Phendula NAYIPHI NA imibuzo EMIBINI.			
INANI LOMBUZO	UMBUZO	AMANQAKU	INOMBOLO YEPHEPHA
1. Afrika likhaya	Umbuzo omde	10	6–7
OKANYE			
2. Unxunguphalo	Umbuzo omfutshane	10	7–8
OKANYE			
3. UNkosi Rolihlahla Nelson Mandela	Umbuzo omfutshane	10	8–9
OKANYE			
4. Umlambo	Umbuzo omfutshane	10	9
KUNYE			
Umbongo ongafundiswanga: Unyanzelekile			
5. Ndlela Ntle	Umbuzo omfutshane	10	10–11
ICANDELO B: INOVELI			
Phendula umbuzo OMNYE.*			
6. <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo omde	25	12
OKANYE			
7. <i>Nyana Wam! Nyana Wam!</i>	Umbuzo omfutshane	25	12–14
OKANYE			
8. <i>Ukhozi Olumaphiko</i>	Umbuzo omde	25	15
OKANYE			
9. <i>Ukhozi Olumaphiko</i>	Umbuzo omfutshane	25	15–17
ICANDELO C: IDRAMA			
Phendula umbuzo OMNYE.*			
10. <i>Amaza</i>	Umbuzo omde	25	18
OKANYE			
11. <i>Amaza</i>	Umbuzo omfutshane	25	18–21
OKANYE			
12. <i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i>	Umbuzo omde	25	21
OKANYE			
13. <i>A-a-a! Jongumsobomvu!</i>	Umbuzo omfutshane	25	21–23

QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, phendula umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE.

Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.



Kulindeleke ukuba abaviwa baqwalasele itshekhlisti elandelayo ukuqinisekisa ukuba bakhethe imibuzo ngokuchanekileyo.

ICANDELO	AMANANI EMIBUZO	INANI LEMIBUZO EPHENDULWAYO	TIKISHA NGASEZANTSI
A: Isihobe (Isihobe esifundisiweyo)	1–4	2	
	KUNYE		
A: Isihobe (Isihobe esingafundiswanga)	5	1	
B: Inoveli (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)	6–10	1	
C: Idrama (Umbuzo osisincoko soncwadi OKANYE umbuzo omfutshane)	11–13	1	
<p>QAPHELA: KUMACANDELO B no-C, qinisekisa ukuba uphendule umbuzo OMNYE OMDE nombuzo OMNYE OMFUTSHANE. Nceda ungaphenduli imibuzo EMIBINI emide okanye imibuzo EMIBINI emifutshane.</p>			



ICANDELO A: ISIHOBE**VUKANI MADODA KUSILE – A Stemela: Umhleli****IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibongo nezibongo EZINE ezifundisiweyo nombongo OMNYE ongafundiswanga.
- Umviwa ulindeleke ukuba aphenhule nayiphi na imibuzo EMIBINI ebuzwe kwimibongo okanye kwizibongo ezifundisiweyo; KUNYE nombuzo omnye kumbongo ongafundiswanga okanye isibongo esingafundiswanga.

Qaphela: Umbuzo ongombongo ongafundiswanga KUNYANZELEKILE ukuba uwuphendule. Qinisekisa ukuba ukhetha imibuzo EMITHATHU kweli candelo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide buli-190–240 amagama.

IMIBONGO EFUNDISIWEYO**UMBUZO 1 (UMBUZO OMDE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ucazulule indlela esisetyenziswe ngayo isigama esibhalwe ngqindilili ukuphuhlisa umxholo.

AFRIKA LIKHAYA – W Shasha

- 1 **Kowu aphin' amadodana!**
- 2 Ndikhwina nje ndililela ngaphakathi!
- 3 **Intombi kabawo bayenzakalisile,**
- 4 **Izidlwengu zezidlamlilo.**
- 5 **Kugqub'oothikoloshe kwindlu kabawo,**
- 6 **Ngcango festile ziyalenga-lenga,**
- 7 Sebekruthakrutha batyhoboza!
- 8 **Rhuthu intong'am ndaphakamisa,**
- 9 **Yangen'imbumbulu bandosela.**
- 10 Beza nomfundisi wathandaza,
- 11 Hlas'umkhont'am ndabibitheka:
- 12 Ndonda ngecabanga balambisa,
- 13 Yangen' imbumbulu bandosela.
-
- 14 **Ndogxek'iNciba noMzimkhulu**
- 15 **Ngokundigqinga ndingenzanganto.**
- 16 Ndoy'entlango ndibiz'iinkamela,
- 17 Zisele la manzi ziwafince.
- 18 Ndothath'imihlakulo ndidiliz'iintaba,
- 19 Ndidibe le milambo ndinyhanyhathe,
- 20 Nditsho nditabhate ndiphangalale?



- | | |
|----|--------------------------------|
| 21 | Ndongqiyaza ndigxanye- |
| 22 | Ndithintelwe lulwandle! |
| 23 | Ndiguqul' umbombo- |
| 24 | Ndithintelwe lulwandle! |
| 25 | Gabalala mthebelele- |
| 26 | Afrika likhaya! |

[10]

UMBUZO 2 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UNXUNGUPHALO – N Shasha

- | | |
|----|---|
| 1 | Ndivumeleni <u>ndizityand'igila</u> , |
| 2 | Ndiza kunaba ke ndixel'uqaqqa, |
| 3 | Zonwabil'izizwe ngezizwe ndibukele, |
| 4 | Zihla zinyuk'iintlanga ngeentlanga zidabalele; |
| 5 | Ziyatambat'izizwe neentlang'ezingenasazela, |
| 6 | Abantwana bokuzalwa banxunguphele. |
| 7 | Kuba ngasa liphala'igazi lomAfrika, |
| 8 | Kuba ngahlwa agetyengw'elel'umnt'omnyama; |
| 9 | Liphala kube lusizi kanye kwabokuzalwa, |
| 10 | Zininz'iinkedama zilile zade zakhedama; |
| 11 | Baninz'abahlokokazi bakhale de bancama; |
| 12 | Ndakujong'abomthonyama banxunguphele. |
| 13 | lintshaba zibamokothis'inqatha bangquzulana, |
| 14 | lintshaba zibanik'iqhosh'elingenamthunja; |
| 15 | Babhideka belambile bade babulalana. |
| 16 | Ungaxola n'umzi kaPhalo yile ndyikityha? |
| 17 | Intlungu esikuyo yaziwa ngoPhezukonke, |
| 18 | Ndakujong'abomz'oNtsundu bayantwizisa. |
| 19 | lintshaba zilw'imfazw'engenagama nabamsulwa, |
| 20 | Zim'ezindleleni zingene koololiwe zidubule; |
| 21 | Zibulal'abant'abalusizi besifa bengenazixhobo. |
| 22 | Babulawa belel'obentlomb'ezinkomponi nakoololiwe, |
| 23 | Umbon'olusizi igazi linge ngumjelo wamanzi; |
| 24 | Akukho mthetheleli banxunguphel'abe-Afrika. |

- 2.1 Nika isafobe esikrwelelwe umgca kumqolo woku-1. (1)
- 2.2 Chaza okuphuhliswa sisafobe osinike kumbuzo 2.1. (2)
- 2.3 Yiyiphi imbono engundoqo edandalaziswa yimbongi kumqolo wesi-8 nowe-9? (2)
- 2.4 Cacisa indlela umbhali asebenzise ngayo ulwimi kumqolo wama-23. (2)



- 2.5 Xela into ofana ngayo umqolo we-13 nowe-14 ngokwesakhiwo sombongo. (1)
- 2.6 Mfundisoni efumaneka kulo mbongo ngonxunguphalo? (2)
- [10]**

UMBUZO 3 (UMBUZO OMFUTSHANE)

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UNKOSI ROLIHLAHLA NELSON MANDELA – DLP Yalimanisi

.....

1 Aa! Zwe-liya-shukuma!
 2 UZwe-liya-shukuma ngumdaka kaMandela,
 3 Umdak'onobomi wakwaSokhawulela,
 4 KwaDlom'omdlanga, kwaNgqolomsila,
 5 Ingxangxos'ehamba ngamadolo yakwaNdaba.
 6 UKhala mqadi wafa yintsika,
 7 Umty'ondindilili wasemaNtandeni.

8 Yimbuzu-mbuz'enjengenaliti,
 9 Inzwan'enkulu yakwaMthikrakra;
 10 Umbol'izizazob'into kaMandela.
 11 Umafanelwa zidanga nezidabane,
 12 Umafanelwa yimbol'engayiqabi,
 13 Azingekuyini na beth'ebeyiqaba?
 14 Umagxagxamis'amagxagx'axhalabe,
 15 Umaphongomis'izizwe ziphonyoze.

16 Aa! Zwe-liya-shukuma!
 17 Aa! Ndlela-zimhlophe kaMandela!
 18 UZwe-liya-shukum'elibizwa zizizwe,
 19 UNdlela-zimhloph'elibizwa yimbongi;
 20 Kub'udale kwamhloph'eAfrika;
 21 Laphum'ilanga latshis'ooTshinga-liya-tsha.
 22 Baphutshuluk'ooBhakaqana ligqats'ezinkqayini;
 23 Bagungquz'ooMgulukudu besoyik'imbutu-mbutu;
 24 Baphongom'ooRheme betshelwe sicheko
 25 Zintantazel'iinyhwagi zibon'ukutsha kwelizwe.

- 3.1 Nika intsingiselo yebinzana, 'KwaDlom'omdlanga,'? (1)
- 3.2 Mfanekiso-ngqondweni mni ozotywa yimbongi ngegama 'Ingxangxosi'? (2)
- 3.3 Ityhila ntoni imbongi ngezafobe ezisetyenziswe kumqolo wesi-8 kulo mbongo? (2)
- 3.4 Cacisa indlela umbhali asebenzise ngayo ulwimi kumqolo we-12. (2)



- 3.5 Xela into esahluka ngayo isitanza sesi-2 kwisitanza sesi-3 ngokwesakhiwo sombongo. (1)
- 3.6 Mfundisoni efumaneka kulo mbongo? (2)

[10]**UMBUZO 4 (UMBUZO OMFUTSHANE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

UMLAMBO – N Thuthani

- 1 Ngumnyobo ozolileyo ohamb' utyhutyh' amathafa,
2 Isilo esizondlalileyo ukukhwez' imimango,
3 Amajikojiko uhamb' ubhijela endleleni yakho,
4 Yintlwath' ebhijel' ixhoba ukujikel' amagophe,
5 Waphel' umhlambi yinyok' ebimbilizayo.
- 6 Sisilo esitshayel' amabibi ukugutyula sisihlisa,
7 Wakugquma ungagqib' uthi sisilo esikhulu,
8 Likhaya lezilo nabomlambo balapho,
9 Kumaw' amakhulu uhamb' uhamb' ubamb' iintlombe njengegqirha,
10 Wombebele kamnandi ube zingxangxasi utsawula usihlisa.
-
- 11 Silondini nakuben' uluncedo nje,
12 Ngemv' ushiy' izikhalo, nezingqala.
13 Ushiy' imbubhane, ushiy' abahlolo nabahlolokazi,
14 Mdali weenkedama namahasi, mahlukanisi wabathandanayo.
- 15 Nezinqule zethu kwiilali ezingaphesheya siyabuzana,
16 Sinqule sizithuthe sixel' imilambo yeendawo zethu,
17 Kube luvuyo nochulumanco ngokubambana ngemilambo,
18 UGaba uNgqosini lowo ngumntu womlambo,
19 Nawe ke goduka mlambo uye kuyise, ulwandle.
-

- 4.1 Xela isafobe esisetyenziswe ngumbhali kumqolo woku-1. (1)
- 4.2 Mfanekiso-ngqondweni mni ozotywa yimbongi ngegama 'ukugutyula'? (2)
- 4.3 Ityhila yiphi intsingiselo imbongi ngomlambo ngebinzana 'ngumdali weenkedama' ngokwesitanza sesi-3? (1)
- 4.4 Cacisa indlela umbhali asebenzise ngayo ulwimi kumqolo we-16. (2)
- 4.5 Sahluke njani isitanza sesi-3 ngesakhiwo kwezinye izitanza zesicutshulwa sombongo? (1)
- 4.6 Mfundisoni efumaneka kulo mbongo ngomlambo? (2)
- 4.7 Sesiphi isixhobo esisetyenziswe ngumbhali esivezwa ngamalungu abhalwe ngqindilili kumqolo we-17 nowe-18? (1)

[10]**KUNYE**

IMIBONGO ENGAMISELWANGA**UMBUZO 5 (UMBUZO OMDE)**

Funda esi sicutshulwa sombongo singezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

NDLELA NTLE – OT Ncanywa

HOO-O-O-O-O-O-O-O-OYINA!

- 1 Khaniphulaphule bantwana basekhaya!
- 2 Khanibek'iindlebe zintanda zakowethu;
- 3 Namhlangathi nikhululw'eQokolweni;
- 4 Khaniphulaphule bebanga leshumi!
- 5 Namhla ngathi nikhonjisiw'indlela;
- 6 Indlel'etyhutyhatyhutyh'ukuphila;
- 7 Ukuphil'ubomi bokuzimela ngenkqay'elangen.
- 8 Ewe nizifumeneiziyalo zabadala,
- 9 Benikhombis'indlel'ey'empumelelweni!

- 10 Hambani ke zintanda niye kuzenzela!
- 11 Uphelile lo nyaka sinijikajika;
- 12 Sinigocagoc'onke amacal'obom!
- 13 Uphelil'unyaka sinikhandakhanda.
- 14 Ukuze nikwazi enikufun'ebomini;
- 15 Hambani ke okwethu sikwenzile!

- 16 Ndibabonil'ootitshala bewenz'umgudu,
- 17 Wokuwavelel'onk'amacal'obom!
- 18 Besondl'ingqondo, besondl'umphefumlo,
- 19 Besondl'umoya, besondl'ubuntu benu,
- 20 Ukuze nibe ngabantu phakathi kwabantu.
- 21 Hambani ke okwethu sikwenzile!

- 22 **Ze** nichul'ukunyathela elizweni!
- 23 **Ze** nihambe ngentobeko nondiliseko;
- 24 Ze nibe nobulumko njengoSolomon,
- 25 Ningaqweqwediselw'entshabalalweni,
- 26 Zizinto zobuntwan'esenidlulile kubo.
- 27 Hambani ke okwethu sikwenzile!

- 5.1 Nika intsingiselo yebinzana, 'Khanibek'iindlebe ...' (1)
- 5.2 Igxininisa luphi uluvo imbongi ngophindaphindo lwezithethantonye, sinigocagoca, sinikhandakhanda? (2)
- 5.3 Chaza umsebenzi owenziwe lushiyo lwesikhamiso olukumqolo we-16 nowe-17? (1)



- 5.4 Sityhila ntoni isaci 'nichul'ukunyathela' kulo mbongo? (2)
- 5.5 Xela into owohluka ngayo umqolo wama-20 nowama-21 ngokwesakhiwo sombongo. (1)
- 5.6 Sesiphi isixhobo esisetyenziswe ngumbhali esivezwa ngamalungu abhalwe ngqindilili kumqolo wama-22 nowama-23? (1)
- 5.7 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)
- [10]**

AMANQAKU ECANDELO A: 30



ICANDELO B: INOVELI**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe iiNoveli ezimbini.
- Khetha imibuzo kwiNoveli oyifundisiweyo.
- KwiNoveli ngaNYE kubuzwe imibuzo emiBINI, OMDE NOMBUZO OMFUTSHANE, ukususela kumbuzo 6 ukuya kumbuzo 9.
- Khetha umbuzo ube mNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OMDE kwiCandelo B (kwiNoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCandelo B (kwinoveli) KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCandelo C (kwidrama).

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340-390 amagama.

UMBUZO 6 (UMBUZO OMDE)**NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Phicotha isimo sentlalo kule ncwadi ithi, 'Nyana Wam! Nyana Wam!'

[25]**UMBUZO 7 (UMBUZO OMFUTSHANE)****NYANA WAM! NYANA WAM! – WK Tamsanqa**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

Ithi ke inkosi ngesiqingatha kwintsimbi yeshumi uya kube ukhululwa kuloo makhamandela ukuwo uqhutywe okanye urhuqwe njengenja usiwe kwichibi elilapha ngaphandle kwelokishi apho siya kuthi emva kokuba sikhe sakusa izandla kanobom sikubetha sikubophelele ilitye ezinyaweni sikuphose echibini utshone, uzike, ubheke ezantsi, urhaxwe ngamanzi ude ufe. Ithi ke inkosi ezi yure zimbini zishiyekileyo iyakuboleka ukuba ukhe uzithandazele uthethe noThixo wakho alungiselele umphefumlo wakho indawo. Sathi ukuba sime esi sigwebo waziqonda uThole ukuba ngoku ukuwo umfula wethunzi lokufa, ifikile imini yokufa kuye. Umfo owayewisa esi sigwebo wayekhangeleka ukuqhula ingento yakhe, amehlo entama ubugebenga. Wathi akulijonga ixesha uThole wafika libaleka ngokusisimanga, iintsiba zexesha zaba ngathi zijikeleza oku kwamavili enqwelo. Ukubetha kwalo kwaba ngathi zizingqi zesilo esoyikekayo sisiza kumtshabalalisa. Ngenene yayizizingqi zesilo ukufa.



Kwalile ngesiqingatha sentsimbi yeshumi lahlokoma ixesha, latsho ngentloko enkulu, kuba lalithiyelwe ukwenjenjalo. Inxolo yalo yabangathi yileyo yokubethwa kwamagogogo ezilokishini ezinzulwini zobusuku xa kuphela umnyaka omdala kungena omtsha. **Ngenene kwakusahlulelana ubomi obudala bukaThole kungena ubomi obutsha angabaziyo, belabafileyo.** Lathi ukuba litsho ixesha zatsiba kuye ezi zinto zimkhulula zimqamangela izandla zozibini ngasemva zimphamba ngeempama zimkhomba emnyango. Waqhutywa waya kukhutshelwa ngaphandle kwelokishi, yekoko ukukhweza naye ucingo besihla besiya echibini.

- 7.1 Liqhubeka kweyiphi indawo ibali ngokwesicatshulwa? (1)
- 7.2 Sesiphi isiganeko esenzekileyo ukuze azifumane uThole elapha kule ndawo? (2)
- 7.3 Loluphi udidi lwempixano oluveliswa phakathi kukaThole noJoe neqela lakhe? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 7.4 Zoba isimo sentlalo sale ndawo wayekuyo uThole? (2)
- 7.5 Yeyiphi indima nobuchule obusetyenziswe ngumbhali ukusindisa uThole kuJoe neqela lakhe? (2)
- 7.6 Cacisa umyalezo oqulathwe yintetho yombhali ebhalwe ngqindilili. (2)
- 7.7 Yintoni ngokwezenkolo unobangela wokuba uThole anikwe ithuba lokuthetha noThixo? (2)
- 7.8 Loluphi udidi lozobo olusetyenziswe ngumbhali kwesi sivakalisi singezantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 'Umfo owayewisa esi sigwebo wayekhangeleka ukuqhula ingento yakhe, amehlo entama ubugebenga.' (1)

ISICATSHULWA B

Asingeze sanaba kakhulu sichaza uvuyo olwaba kwaFikizolo mhla wafika uMangaliso engumfundisi ehamba noyise, befika kuNofundile owayecinga ukuba indoda yakhe kudala yafa njengoko nendoda yayicinga ukuba umfazi wayo kudala wafa. Ungasowuzizobela owakho umfanekiso. Mna ndingasuka nje ndithi yaba lolo vuyo lwalukhatshwa ziinyembezi. Wayiwisa etyetyisiweyo umfo wasemaKhomanzini ikhatshwa liqela leegusha. **Lafa ilityenembokotho** elimeme lonke iZazulwana. Izihlobo ezikwiindawo ngeendawo kwanezifundiswa zeli loMzantsi Afrika ziphume ngendlu. Elilisela ngelizwi elinye umfo kaBhungalipheli esithi, 'Vuyisanani nam.'

Abanye abantu bayazenza izinto ezintle kodwa abaze bazibone iziqhamo zemisebenzi yabo kuba zithi ziqandusele okanye ziqaqambe sebefile kodwa apha ekwenzeni uMangaliso umntu waba nethamsanqa uFikizolo kuba iziqhamo zemisebenzi yakhe wazixhamla esaphila. Banoyolo abathi bazixhamle iziqhamo zezithukuthuku zabo besaphila.



Ulonwabo olwalukwaBhungalipheli ngaloo mini yayilolungathethekiyo. Izifundiswa ziyigibisele imithika yazo yeemfundo ezinemisila zingqonge uMangaliso etsho ngezimbeje-mbeje zobunzululwazi. Belapho oonyawo-ntle beloMzantsi bezokuzimasa itheko lomnye unyawo-ntle. Zawa iintetho zivela kwiingwevu zeGcuwa ziyala unyana wazo, zathetha izifundiswa ziyala esinye isifundiswa ngemfundo yaso esithe sayifumana, sathetha isifundisi siyala omnye umfundisi ukuba abuphathe kakuhle ubufundisi anyulelwe bona nguThixo. Wathetha uFikizolo nootitshala bada balila bebulanda ubomi bonyana wabo kwelo Zazulwana.

- 7.9 Sesiphi isiganeko esiqhubekayo kwesi sicutshulwa? (2)
- 7.10 Esi siganeko sibuzwe ku-7.9 sisekwe kweyiphi imbono?
Khetha eyona mpendulo ichanekileyo:
- A Yezenkolo
B Yezentlalo
C Yezoqoqosho
D Yezopolitiko (1)
- 7.11 UFikizolo udlale indima yobuzali kubomi bukaThole. Ngqina oku. (2)
- 7.12 Ngqina ngokugqibelela kobudlelwane obabuphakathi kukaFikizolo noKhohlela ngokwesimo sentlalo. (2)
- 7.13 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicutshulwa? (1)
- 7.14 Tyhila ngeengongoma ezintathu ukuba lo mdlalo unesiphelo esingalindelekanga. (3)

[25]

UMBUZO 8 (UMBUZO OMDE)**UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

Phicotha isimo sentlalo kule ncwadi ithi, 'Ukhozi Olumaphiko.'

[25]**UMBUZO 9 (UMBUZO OMFUTSHANE)****UKHOZI OLUMAPHIKO – N Saule**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

Ndahlala phantsi phezu kwedlaka ndajonga isixeko esi, usathe thaa umfanekiso kaNokuzola egonwe nguFriday. Ndiyakubona ukupakaniswa nokuxushwa ndixhaywa ndixhatshazwa ngabantu abangazi nto, eyona nto yandixhelayo nguZo ezingalweni ezinuka umzondo zikaFriday. Ndahlala ndacinga. Ndathatha isiganeko ngasinye kuthando lwam noNokuzola, ndizama ukufumana ukuba umhlwa onguFriday waqala nini na ukonakalisa. Yandiqhuba yona ingqondo, ithi **iseBhakubha ibe iseLatakisa**. Kanti kuhleliwe nje uNokuzola uyachwechwiswa ecaleni? Yathuthumba intliziyo yam. Ngale yona into ndandiqinisekile. Ndakhumbula neemini awaye akhe anyamalale ngazo, lingabikho idinga ebesilibekile, ndithi ndakumbuza athi, hayi ebephangele. Ndandingazange ndayenza nento yokuya kumkhangela emsebenzini, kuba ndisonqena iintetha ezininzi. Wayebika unina ukukhohlakala nje, inokuba wayesenzela ukuba ndingaze ndilubeke kowabo, kuba hleze kuvele izinto, intombi kuhleliwe nje idla isula. UNokuzola, lo besendimana ndizithembisa ukuba uya kuba yintonga yam yintonga esekhosi, nguye kanye lo undiqhola ngothuli? Kutheni ekhetha imini enje ukundibonisa ukuba lonke ixesha eli kanti ebenkwalambisa? Intokazi ethi mfondini ukuba ikhe yancuma ngendlela apha ebendinqumla umphefumlo, kanti lonke elo xesha undojela umnga! Naxa ndandisazi ukuba sasithandana nje, ndingembang'i ke ngoku, ukubakuthe kanti yinyani yonke le nto yayiphehluzelisa ingqondo yam, ndandingasokuze ndimxoleleubomi bam bonke. Ndaggiba kwelo.

- 9.1 Ngubani lo mlinganiswa wayebethwa yimpepho yehlobo emangcwabeni? (1)
- 9.2 Kwenzeke ntoni kulo mlinganiswa ubuzwe ngentla ku-10.1 sele ebethwa yimpepho phezu kwamangcwaba nje? (2)
- 9.3 Thelekisa indima kaNtsipho nekaMfazwe malunga nenkululeko yabantu kule Noveli? (2)



- 9.4 'Yandiqhuba yona ingqondo, ithi iseBhakubha ibe iseLatakisa'
Loluphi udidi lwempixano oluvezwa sesi sivakalisi singentla? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.5 Saba nasiphumo sini isenzo sikaFriday kuNokuzola eholweni kubomi bukaMfazwe? (2)
- 9.6 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicutshulwa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.7 Loluphi udidi lozobo olusetyenziswe ngumbhali kwesi sivakalisi singezantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 'Wayebika unina ukukhohlakala nje, inokuba wayesenzela ukuba ndingaze ndilubeke kowabo.' (2)

ISICATSHULWA B

Ndive ingxolo phandle kanti kukugalela kwesichotho. Imvula elolo hlobo andizange ndiyibone apha ebomini. Amanzi avele ahle esibhakabhakeni kungekho nomoya ovuthuzayo. Ndithi mna oku ngathi kuvulelwe idama. Iphempe lam lalivuzwa gxaa. Kungekudala indawo elithafana phandle yaba ngumlambo. Asuka agcwala nje amanzi engabonakali necala asingisa ngakulo. Ndawabukela eyaluzela, yasuka yayaluzela intloko yam. Ndilunguze phandle kwakanye andabona mntu kucaca ukuba amajoni imvula iwaleqe yaya kuwafaka ngokwemingxunyana yawo.

Ngoko nangoko ndacinga, ndithini, ndiqhweshe? Ukuba ndikuphosile ukuqhwesha, ndingasuka ndife ukufa kweqheya, yandixelela ingqondo yam. Ndaliginya ndazixelela ukuba ndiza kubala ndiyokufika kwisihlanu, ndithi nyubelele, ndaqalisa ukubala. Ndithe xa ndikwisithathu, ndeva ukugcampuza komntu emanzini esiza kanye ephempeni. yayinguSikhotsholo ehamba nesiya siqingqi somfo ebekhe wagqugula naso ngaphambili.

'Yiza wena.' Kutsho into eseyindikhombe ngompu kakade. Khwasu, ndaphakama, ndaphuma. Ndithe ukuba ndithi cakatha phandle, yangathi imvula ibilindele loo nto. Kwaba ngathi kukho indawo egqabhukileyo esibhakabhakeni, kuphazanyiswa oko kuphela kukundila kwezulu okutsholo kude.

Umfo omfutshane wahlaba indlela, ndalandela inguSikhotsholo emva kwam. Sangena ehlathini sihamba ngendledlana yeenyamakazi sithubeleza phantsi kwemithi evuza ngathi yinkonkxa engenasibunu. Kuloo majiko-jiko kwakukodwa ukumana ndikhubeka ndiyokugileka kumfo omfutshane andifake ingqiniba ukundisusa kuye.

- 9.8 Kuqhubeka kweyiphi indawo oku kuthethwa ngako apha kwisicatshulwa? (1)
- 9.9 Zoba isimo sentlalo sale ndawo wayekuyo uMfazwe? (2)



- 9.10 Yeyiphi indima nobuchule obusetyenziswe ngumbhali ekusindiseni uMfazwe ekubulaweni ngooSikhotsholo? (2)
- 9.11 Yintoni unobangela wokuba uMfazwe kugqitywe ukuba makabulawe ngokwezopolitiko? (1)
- 9.12 Ucinga ukuba isithomo sikaNdimba simncedile uMfazwe ukuze angabanjwa? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 9.13 Zeziphi iimpawu EZIMBINI eziveza uMfazwe njengomlinganiswa ophambili kule ncwadi? (2)
- 9.14 Tyhila ngeengongoma EZIMBINI ukuba le noveli inesiphelo esingalindelekanga (2)
[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 25



ICANDELO C: IDRAMA**IMIYALELO**

- Kweli candelo kubuzwe imibuzo kwiiDrama ezimbini, ukususela kumbuzo 10 ukuya kumbuzo 13.
- KwiDrama ngaNYE kubuzwe imibuzo EMIBINI; OMDE kunye NOMBUSO OMFUTSHANE.
- Khetha umbuzo ube MNYE uwuphendule.

QAPHELA: Xa umviwa ekhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO B (kwinoveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO C (kwidrama).
Xa umviwa ekhethe umbuzo OMDE kwiCANDELO B (kwiNoveli); KUNYANZELEKILE ukuba akhethe umbuzo OMFUTSHANE kwiCANDELO C (kwiDrama).

Funda ezi zicatshulwa zencwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

Ubude beempendulo zemibuzo emide bungama-340–390 amagama.

ISICATSHULWA A**UMBUZO 10 (UMBUZO OMDE)****AMAZA – ZS Qangule**

Phuhlisa indlela umbhali amzobe ngayo uSilumko ekukhuliseni umxholo wale ncwadi. [25]

UMBUZO 11 (UMBUZO OMFUTSHANE)**AMAZA – ZS Qangule**

NAMHLA: (*Esima phambi kwakhe ebambelela emagxeni*) Sime kunxweme lomlambo obunzulu singabaziyo, kungcono singangxami siziphose hleze soyele, sife.

LIZO: (*Esiya ngasefesitileni*) Ziinyanga ilizwi ulikhuphele imixhadi, ngunyaka wonke iinyembezi uziphazaza, ucela amawenu ukuba angakutshatishi noSidima. Kodwa sekunjalo iinyembezi zakho ziwa njengamanzi entlabathini. (*Ejika emjonga*)

NAMHLA: Ingaba usaboyikela ntoni ububi obunokuvelela uziqhelile nje iintolo zabo?

LIZO: (*Esiya kuchopha ebhedini*) Utsho usithini?
(*Esondela kuye*) Nditsho ndisithi qina, masilungise, utyhafo nobutyeketyeke mabukhwelele.

NAMHLA: (*Emhlalisa emgona*) Masingangxami siziphose kudaka esakuthi sizikhupha kulo sibe sizitshona kulo.



LIZO: *(Engqengqa)* Bendingazi ukuba singathintelwa zizidenge zamaqaba kwiinjongo zethu.

NAMHLA: **Intsomi yakwaXhosa ithi izitunxa zabeka ilityekazi endleleni, nkqi, zoyiswa kukulisusa izilumko!**

LIZO: Kanene lo Sidima uza kuhla ixesha elingakanani emva kwaloo nomgogwana womtshato?

NAMHLA: Iinyanga zimbini qwaba, abuyele eRhawutini.

LIZO: Kanene wenza msebenzi mni?

NAMHLA: Ukwii-ofisi zeedompasi kufutshane nemigodi.

LIZO: Ukuba ubuye engawelwanga ngumgodi, uya kufika edilikelwe yindlu.

NAMHLA: Kuwa into ebimile.

LIZO: Niza kutshatiswa ngubani?

NAMHLA: Ngumfundisi uZazile, umkhwe wakho.

LIZO: Umkhwe uza kwenza umkhwa wokuba kuthiwe utshatisile.
(Efaka icwecwe ebamba uNamhla ukuba badanise) Simfumene kamnandi lo Sidimandini.

NAMHLA: Ungathi uzuzile kanti uzuziwe! *(Kungena uDanile ngequbuliso besankonyene)*

DANILE: *(Ekhomba ngegqudu lakhe)*
Mayiphumeinja emzini wam!
(Unyoshoza aphume uLizo. Usala uDanile ejamele uNamhla. Uwe umkhusane)

- 11.1 Kuphi kule ndawo sincokola kuyo esi sibini? (1)
- 11.2 Isityhilela ntoni intetho kaNamhla ngokuza kuqhubeka ebalini ethi '... kungcono singangxami siziphose ...' (2)
- 11.3 Enze msebenzi mni amagama akwizibiyeli kwesi sicutshulwa somdlalo? (2)
- 11.4 Bonisa impoxo evezwa yintetho kaNamhla ebhalwe ngqindilili? (2)
- 11.5 Nika izizathu EZIBINI ezibonakalisa ukuba ukuhlala kukaLizo noNamhla entangeni kwaDanile sisenzo esingamkelekanga ngokwenkcubeko yakwaNtu. (2)
- 11.6 Loluphi udidi lozobo oluvezwa nguDanile ngomlinganiswa onguLizo kwisicutshulwa? Xhasa impendulo. (2)



11.7 Phawula ngesiganeko asisebenzisileyo umbhali ukuphembelela umoya wempixano kwesi sicutshulwa. (2)

11.8 Likweliphi inqanaba ibali kule ndawo ngokwamanqanaba esakhiwo sebali? (1)

ISICATSHULWA B

ZODWA:	Ixesha lokuthetha alikho, biza amapolisa!
SIDIMA:	<i>(Eme phezu kwesidumbu sikaDuma)</i> Kwekhu! Ngubani obulele umntak' amama?
ZODWA:	Biza amapolisa, liyemka ixesha <i>(Evala, eqinisa zonke iindawo)</i>
SIDIMA:	Kudala ke sicutshiwe kweli Rhawuti, kuza kuzingelwa mna ke ngoku masilungise sihambe.
ZODWA:	Siye phi?
SIDIMA:	Ndinezihlobo eSwazini.
ZODWA:	UDuma nalo sisi siza kubathini?
SIDIMA:	Siza kubashiya apha. Abasoze bangafihlwa, Umbulali uza kuvela, ityala aliboli.
ZODWA:	<i>(Emva kokuncedisa ekupakisheni)</i> Ingathi sigqibile.
SIDIMA:	<i>(Ejonga kuDuma, emgquma ngeragi yakhe)</i> Andazi nokuba mandithi sala Nokuba mandithi hamba na mfowethu. Ngoku ndisele ndedwa, inxenye yam ibunile. Mandla mani na angaphefumlela olu dongwe. Lubuye lugqadaze, lungqishe, luthethe? Ithunzi lokufa ligqithe ngakum ladlula nawe. Akwaba ilifu belisifunqule ngaxesha-nye <i>Ukuze lakusilahla siyihambe kunye loo ndlela inxaphisa,</i> Siwaqabele kunye loo maqhina angquzulanayo, Sehle sixhasene kwezo ngxondorha zisinekileyo, Siphume kunye kwezo ntsunguzi zamahlathi kaMtyholi, Sikhwazane xa sixwesaxwesa kuloo maxethuka; Sigonane kaloku xa silufincayo uhambo lwethu. Ngala mazwi ke mfo wethu ndiyakubulisa, Kungoku nje ndiyahamba kuba Ndibaleka imbumbulu eyahlala ikrobile, Ndisaba isibham esahlala siqhumisa.



ZODWA: *Esogquma uZodwa waseBhayi ngeragana yakhe*) Ngelokuncama ke sithi kugqityiwe, thina benyama asinamandla akwenza nto, sicela uMesiya anivulele kumnyango wamazulu; anihlanganise nabo basindisiweyo. (*Uwe umkhusane*)

- 11.9 Siganeko sini esenzekileyo phambi kokuba uDuma agqunywe ngeragi? (2)
- 11.10 Iveza ntoni intetho kaSidima emva kwesiganeko sokubulawa kukaDuma nokuba mandithi sala nokuba mandithi hamba na mfo wethu ...' (2)
- 11.11 Xela ubuchule obusetyenziswe ngumbhali ukuveza umbulali kaDuma? (2)
- 11.12 Loluphi uhlobo lwempixano oluphakathi kukaDanile noNamhla? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 11.13 Tyhila ngeengongoma EZINTATHU ukuba lo mdlalo unesiphelo esingalindelekanga. (3)

[25]**UMBUZO 12 (UMBUZO OMDE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

Phuhlisa indlela umbhali amzobe ngayo uSomerset ekukhuliseni umxholo wale ncwadi.

[25]**UMBUZO 13 (UMBUZO OMFUTSHANE)****A-a-a! JONGUMSOBOMVU! – BB Mkonto**

Funda ezi zicatshulwa zoncwadi zingezantsi, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

ISICATSHULWA A

QUKA: Njengokuba kusithiwa nje niyabalela abantu ukuba basile iindywala zabo, benze namadini abo ngenxa yokuhlonela abo baleleyo, uthini wena?

FILIPHU: Khumbula kaloku Mhlekezi ukuba abantu aba bayakholwa kukuthatha izinto bazibeke ngale ndlela bakholwa yiyo bona. Akuthiwa abantu mabangonwabi, hayi. Kungatshiwo nokuthi abantu mabangasili iindywala zabo ngokuzonwabisa, kodwa ukho umahluko ekuseleni ngengqiqo nangendlela eyiyo nasekuseleni uzibhubhisa. Bambi keabantu baye bathi ngenxa yezi ndywala ubone ukuba ayikho enye into engenye abaya kuthi bayenze, kuphela **kukujikeleza apha elalini behamba besela**, ndaweni yokwenza imisetyenzana yekhaya. Yiloo ndawo ke le siyilwayo ebantwini.

QUKA: Unyanisile ke kuloo ndawo. Yenye yezinto endingadibani kakuhle ngayo nenkosi le yam yeziyunguma. Silwa kube mdaka iisali kuba kaloku yona ithanda ukubona abantu bengena bephuma aphanengxa yezi ndywala zingapheliyo, ndaweni yokuquqa emasimini nasendle. Ndiyabona ukuba singadibana nale nto niza nayo. Khanide ke nisebenze apha ebantwini, nibafake loo mhlabele, mhle, kunjalo nje uya kusiphucula esi sizwe sifumane uzuko nakwezinye izizwe ezi.



RUFUS: Ungalibali ke mhlekazi ukuba mna ndiza nezinto oza kuthi wakuzibona, uziwe nawe ukuba ngenene awuzilahlekisanga nesizwe sakho. (*Uvula ityesi ebithwelwe ngabasebenzi bakhe ababini*) Khangela le tyesi yam, bubutyebi bodwa obu ububonayo. (*Ukhupha ihempe nebrukhwe yekhakhi*) Ziimpahla ezi sizinxibileyo. Ndiyakhupha, zezakho ezi mhlekazi. Lo mnqwazi, ungakunceda kula malanga ale ndawo. Kanti ke ndiyazi ukuba kweli cala anikaziboni ezi zethu izixhobo zokulwa. Khangela le yethu intonga, (*Ukhupha umpu*). Ndiyakwazi ukubetha into ikude ngayo. (*Uyawungxala bebukele abanye, adubule iinkukhu ebezichola-chola kude phaya*).

- 13.1 Kuphi kule ndawo sincokola kuyo esi sibini? (1)
- 13.2 Loluphi udidi lozobo lwabalinganiswa oluvezwa ngumlinganiswa uQuka kwintetho yakhe noFiliphu? Xhasa impendulo. (2)
- 13.3 Atyhila ntoni la magama aba balinganiswa basetyenziswe kwesi sicutshulwa ngesimo sentlalo sale ndawo? (2)
- 13.4 Chaza okuqulethwe yintetho kaFiliphu ebhalwe ngqindilili. (2)
- 13.5 Yintoni edala impixano phakathi kukaQuka nenkosi yakhe? (2)
- 13.6 Uyahambisana noQuka ngale ndlela ayibona ngayo impucuko ngokwalo mqolo ungezantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 'Khanide ke nisebenze apha ebantwini, nibafake loo mhlabele, mhle, kunjalo nje uya kusiphucula esi sizwe sifumane uzuko nakwezinye izizwe'. (2)
- 13.7 Likweliphi inqanaba ibali kule ndawo ngokwamanqanaba esakhiwo sebali? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 13.8 Sichaphazeleka njani isimo sentlalo samaXhosa kukungenelela kwabamhlophe emhlabeni wabo? (2)

ISICATSHULWA B

LUTSHABA: A-a-a! Jongumsobomvu namakhosi! (*Bakhahlela bonke*) Siwele imilambo enamagama, saqabela iintaba neenduli zodumo, sachankcatha kwimixethuka neengxondorha ngokuthunywa ngamaHlubi ukuba size kushiya emaTshaweni eli qum-qum, intombi ethi nto, umathunjan'eKumkani yamaHlubi uBhungane. Sesikhutshwe ngoonyana bakhe, uKumkani uMthimkhulu nomntakwabo uMpangazitha ukuba sakhe ukwalamana. Ukuba besaliwe, ngekungaphithizeli ngolu hlobo yile ntlaninge yabantu. (*Eguqukela kuDolo*) Kungawe ke ngoku mfo kabawo.

MSIMKA: A! Ngangegunya! (*Bakhahlele bonke*)

DOLO: (*Esondela kuNolitha*) Asinaluthandabuzo MaTshawe xa sisithi khangelani ke nalo iqhayiya lamaHlubi. (*Uyatyhilwa ziimpelesi amehlo eengwevu ethe zinzi apha emabeleni awayefana namaqanda ukuma emzuzwini*) Andazi nokuba zanele na iingwevu kukutyebisa amehlo.



NEKU:	A-a-a! Jongumsobomvu! namakhosi! Okwangoku ngathi sibonile sanela ukuba sijongene nentombi nto, ndifung'uNontibikho. A! Ngangegunya! (<i>Ejonga kuDolo</i>) Mhlekezi ke, ungathi nqa wena, sisithethe, kwaye sidala. Xa nditshoyo ke mntwan'omhle ndithi makhe sigqithisele phaya kubahloli basibeke emkhondweni. (<i>Kuphakanywa noNolitha ukumsa kubafazi abakhethelwe loo msebenzi wokuhlola</i>) Ngalo mzuzu sisalindeleyo, nceda ke mkhozi ukhe usitshaye, sinqanqathekile mfondini. (<i>Kubekwa inxili ngumfana oyiphetheyo, kuyatshaywa</i>)
MSIMKA:	Umthunywa weKomkhulu uSekela, sel'esiza neendaba zasegoqweni. (<i>Afike asebeze kuye</i>) Ingxelo ithi kunjengokuba benibona.
NEKU:	Sixolile mkhozi. Nalo ithokazi kwezomthonyama ncakasana, lirhwexu ngebalo yinkomo yenquthu ke leyo. Obuya buso bumhlophe bale ntombi sibufanisa nelaa thokazi libhadi, ze ibe ngamashumi amathathu ekhazi elibonwa ngulo mzi. Andazi ke Mkhozi ukuba ubona njani na wena.

- 13.9 Nika isiganeko esiqhubekayo apha kwesi sicutshulwa? (1)
- 13.10 Sizathu sini esibangela ukuba iinkomo zekhazi zikhutshwe ngokukhululekileyo ngokwesicutshulwa? (2)
- 13.11 Ukukhutshwa kwenkomo yenquthu ingumqondiso wantoni? (2)
- 13.12 Yeyiphi indima edlalwa ngamagama akwizibiyeli ngokwesicutshulwa somdlalo? (2)
- 13.13 Tyhila ngeengongoma EZINTATHU ukuba lo mdlalo unesiphelo esingalindelekanga. (3)

[25]

AMANQAKU ECANDELO C: 25
AMANQAKU EWONKE: 80



